OLD MUTUAL SUPERFUND

ISIGIDIMI SOKUFUNDISA AMALUNGU

IHLELO 9

UKUFA, NJENGERHAFU AKUPHEPHEKI...



Ukuba usweleka usekwinkonzo yomqeshi wakho kwaye ulilungu le-Old Mutual SuperFund, kudla ngokubakho isixamali ekufuneka sihlawulwe, esibizwa ngokuthi yinzuzo yokusweleka.

Ukuhlawula inzuzo yokusweleka, iBhodi eLawula i-Old Mutual SuperFund kufuneka iqinisekise ukuba bonke abantu ebebexhomekeke kuwe ngenkxaso yezimali, bonke abaxhomekeke kuwe, kunye naye nabani na onoxanduva lokumxhasa ngokwasemthethweni bonke bacingelwe ngobulungisa kwaye bakhuselwe.

Ukwenza oku, iBhodi eLawulayo ithembele kwiinkcukacha eziqukwe kuxwebhu lwabazuzayo/kwifom yabazuzayo obachongileyo kunye nalo naluphi na ulwazi olongezelelweyo olunikezelwa ngumqeshi wakho, oogxa bakho kunye nosapho lwakho. Uxwebhu lokuchonga abazuzayo olupheleleyo noluhlaziyiweyo luyenza le nkqubo ibe lula kwaye lunceda ukuqinisekisa ukuba ibango lingahlawulwa ngokulula nangokukhawuleza kangangoko kunokwenzeka.

Sihlanganise amanqakwana olwazi achaza inkqubo aze abonelele ngeengcebiso ezithile zokuba ungaqinisekisa njani ukuba obathandayo abahlangabezani nokulibaziseka okungeyomfuneko xa kuchotshelwa ibango ukuba ungasweleka.

Cofa apha ukuze ubone imifanekiso echaza ulwazi.

OLDMUTUAL

CORPORATE

DO GREAT THINGS EVERY DAY

Indemnity: While every effort has been made to ensure that the information in this newsletter is correct, Old Mutual SuperFund Pension and Provident Funds and Old Mutual take no responsibility for any loss or damage suffered by any person as a result of their reliance on the information contained herein. Old Mutual is a licensed Financial Services Provider.